



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2016**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P1**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)

ICANDELO B: Isishwankathelo (10)

ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala Icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngaliNYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: 50 imizuzu

ICANDELO B: 30 imizuzu

ICANDELO C: 40 imizuzu

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UBOMI**

- 1 lindaba ziyathethwa kwaye zifuna abantu abamamelayo. Noko ngoku bekumele ukuba sesiqonda apho masilungise khona singabantu bephondo leMpuma Koloni. Ndibukele ndamamela abantu bekhalaza ngeziphumo zebanga leshumi. Umbuzo wam ngowokuba umntu wenza ntoni ngayo yonke le nto? Ingxaki esinayo kukuba asiyilungiseleli imihla ezayo siqabuka sekophulwe kwizinto zonke. Uyakuqaphela ukuba umzali onomntwana oyinkwenkwe uyaphola ngokungathi akazazi ukuba unomntwana oyinkwenkwe ekuzakufika ixesha lokuba aye entabeni. Kanye ngezinyanga zokuya kwakhe entabeni kube kungona athatha ebeka. Kuphinde kubekho umzali onomntwana osesikolweni xa ebizwa esikolweni kunzima ukuya kumamela nokuxhasa umntwana. Awukho umahluko ke nakule yeziphumo zebanga leshumi.
- 2 Akuvelanga kwaphuma iziphumo kuqale kwaqala unyaka. **Njengesiqhelo** saphola, senza izinto zethu ezifunwa sithi, ngoku lixesha leziphumo kukhona sithethayo nalapho akukho nto siyenzayo ngaphandle nje kokusola urhulumente. Kucace mhlophe ukuba akukho mntu uza kusonyula kulo mgxobhozo sikuwo ngaphandle kokuba sizonyule ngokuthatha uxanduva lwento yonke ephambi kwethu. Umngeni ukhona kwaye awuyindawo kufuneka senze into ngawo. Kuyo yonke le nto yezi ziphumo zingancumisiyo ephondweni andiboni ngxaki ndibona ithuba lokuba nawe ukhe uphakame ube negalelo sakhe isizwe sethu.
- 3 Andiyithandabuzi into yokuba inzalelwane yeliphondo xa ithanda ingalibeka iphondo leMpuma Koloni kwindawo ebanzi. Akukho nto singenayo ukuba nje singalungisa iingqondo zethu, indlela esicinga ngayo nendlela esizibona ngayo izinto. Endaweni yokubona ingxaki sibone ithuba. Eli lixesha lokuba siphakame, simanyane umntu nomntu enze akwaziyo ukukwenza kwaye anamandla wako kuba asikho isizukulwana esinolwazi ngezinto njengesiqhelo sethu. Ukuthumela umyalezo kwiifono mfono zethu akuthathi nomzuzu, senza ntoni ngezo zinto? Kudala kwakubhalwa ileta isiwe eposini ize ithathe ixesha layo. Ngoku uyakwazi ukuqhawulisa le naleya ngomzuzu omnye. Ezi zinto zikhona silinde ntoni ke? Kungakho ingxaki isisombululo sikhona.

- 4 Kwingxaki yeziphumo zebanga leshumi kufuneka siqaphele oku kulandelayo. Okokuqala kufuneka sijonge unobangela wokuba sibe kule meko. Okwesibini siphuma njani kule meko. Siyijonge ke nale yokuba isikolo nesikolo sinemingeni yaso nabantwana ngokunjalo. Asikwazi ukuquka sithi bonke abantwana baseMpuma Koloni badinga into ethile. Xa sinokwenza njalo siza kuwubhuda umhlola. Iingxaki zona zininzi zahlukene ezinye zazo zezi, abanye baya esikolweni bengatyanga, amanye amantombazana akayi esikolweni xa esexesheni kuba bengenazo izixhobo zokuqhusheka, abanye banoxinzelelo lweemeko zamakhaya wabo ezibangela bangeva nale bayifundiswayo. Zonke ezi zinto zifuna ukuqwalaselwa, ngelinye ixesha ayikuko nokuba abantwana abazimisela kufunda koko ziimeko abafunda phantsi kwazo. Zikhona ke nezi zibonwa ngumntu wonke ezifana nokufundela phantsi kwemithi. Abanye izifundo zesiNgesi bazifundiswa ngesiXhosa kodwa lona iphepha lokuvavanywa lifika libhalwe ngesilungu baze bakhuphisane nabantwana abafundiswa ngesiNgesi unyaka wonke kwezabo izikolo.
- 5 Abanye banikwa umsebenzi wasekhaya ukuba bawenziswe ngabazali ngelo ixesha ke abanye abazali abangafundanga. Ziingxaki ezikhoyo ezi nesijongene nazo imihla nezolo, unyaka uqala, de uyokuphela. Ndilindele ukubona nokuva imigushuzo ke lutsha lwakowethu unyaka uqala nje ukuze xa uphela unyaka sikwazi ukujonga emva sithi ugqatso silufezile, umzamo omhle siwuzamile. Loo nto ingaba ngumbono omhle sitsho nathi sibalelwe kwimpumelelo njengamanye amaphondo afana nooNtshona Koloni, namanye asoloko ethe gqolo ukuphuhlisa iziphumo ezihle.

[Sicatshulwe kwiphepha ndaba, l'solezwe lesiXhosa Janyuwari 2016, Iphepha-11 saze sahlelwa]

### Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Zeziphi ezi ndaba athetha ngazo umbhali? (1)
- 1.1.2 Safobe sini esiveliswa ngumbhali xa esithi: Umntu wenza ntoni ngayo yonke le nto?
- A Isifaniso.  
 B Isikweko.  
 C Umbuzobuciko.  
 D Isigqebelolo. (1)

- 1.1.3 Chaza ngokupheleleyo ingxaki ebonwe ngumbhali eluntwini. (2)
- 1.1.4 Cacisa unobangela wokuba umbhali akhethe lo mxholo. (1)
- Jonga kumhlathi 2.
- 1.1.5 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba kuqala kubekho enye into phambi kokuba kubekho enye. (2)
- 1.1.6 Liphuhlisa ntoni igama elibhalwe ngqindilili **'Njengesiqhelo'**? (2)
- 1.1.7 Sebenzisa esi sibizo ngokuchanekileyo kwisivakalisi 'Urhulumente' sithathe indawo yenjongosenzi. (1)
- 1.1.8 Yakha isaci/iqhalo esingqinelana nale ntetho ingezantsi ngoncedo lwegama elikwizibiyeli.
- Akukho (mntu) unakho ukuma yedwa kulo mgxobhozo sikuwo. (2)

### Jonga kumhlathi 3

- 1.1.9 Bhala kwakhona eli binzana lilandelayo usebenzise amazwi wakho.
- Inzalelwane yeli phondo xa ithanda ingalibeka eli phondo kwindawo ebanzi. (2)
- 1.1.10 Myalezo mni ogqithiswa ngumbhali xa esithi: Endaweni yokubona ingxaki sibone ithuba? (2)

### Jonga kumhlathi 4

- 1.1.11 Kutheni aba bantwana bengena ngxaki inye nje? (2)
- 1.1.12 Xela izinto zibe mbini eziyimiqobo neziyingxaki abantwana abajamelane nazo kwimpumelelo yezifundo zabo. (2)

### Jonga kumhlathi 5

- 1.1.13 Ngaphandle kokuncediswa ngabazali ucinga kulungile okanye akulunganga ukuba abafundi banikwe umsebenzi wasekhaya. Xhasa uluvo lwakho? (2)
- 1.1.14 Chaza ngokupheleleyo into ejongwe ngamehlo abomvu ngumbhali. (2)

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Sithathwe kwi-*intanethi* saze sahlelwa.]

- 1.2.1 Lo mfanekiso ubonisa eyiphi indawo? (1)
- 1.2.2 Le uyichaze apha kumbuzo 1.2.1 isezilalini okanye edolophini? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Xa ujonge lo mfanekiso ucinga ukuba umbhali ungumntu ocinga njani? (2)
- 1.2.4 Lo mfanekiso uhambelana neliphi isebe? Khetha kula masebe angezantsi: (1)
- A Isebe Lezemfundo.
  - B Isebe Lezemidlalo
  - C Isebe Lempilo.
  - D Isebe Lezakhamzimba.

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele uchaze ubungozi botywala kulutsha. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

**IMIYALELO**

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi -7 ubude bungadluli kuma 60-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

**ULUTSHA NOTYWALA**

Kutheni ulutsha lusela kangaka utywala nje? Ulutsha olunabazali abaselayo nalo luba secicini lokuqalwa zezi ngxaki ngenxa yokubona abazali. Utywala sisiyobisi esinamandla esehlisa uxinzelelo ukuze ulutsha olungaqatshelwanga ukuba lunengxaki yoxinzelelo lube sengozini yokusebenzisa utywala njengendlela yokuzikhupha kuloo ngxaki.

Isithukuthezi nabahlobo nazo zinganendima enkulu eziyidlalayo ekuseleni. Abanye abantwana abananto yokwenza yiyo loo nto befuna nantoni na eza kubonwabisa. Ukungazithembi nako kunegalelo kuba abanye bazama ukuba banxile phambi kokuba baye kumatheko athile ukuze babe nesibindi sokwenza izinto. Xa lufuna ukuqhankqalaza emakhaya lukhetha utywala kuba xa lusele luyakhululeka lukwazi ukuphika. Ukuphika ke yindlela yokulwa imithetho yabazali. Utywala buba neziphumo ezingathandekiyo kuba xa umntu esele ingqondo ayikwazi ukuzinza. Akakwazi ukuqwalasela kakuhle kwaye luphazamiseka lula. Lulibala lula kuba alukwazi ukugcina nokulawula ulwazi ukuze lwenze umsebenzi othile njengokuqika nokusombulula ingxaki.

Ezi zizinto ezinzima xa utywala busetyenziswa kakubi. Luzibona lugaxeleka kulwaphulo-mthetho nobundlobongela kuba ingqondo ayizinzi ukuze luqabuke sele luzifake kwiimeko ezinobungozi amaxesha amaninzi. Utywala abukhuthazi xinzelelo lwengqondo nje kuphela, ekuhambeni kwexesha lwenza ulutsha lwenze izinto ezinjengokuzibulala xa kusithi qatha ezo ngcinga.

Xa ixhoba okanye ulutsha lusele,maninzi amathuba okuxhatshazwa ngesondo kuba umntu onxilileyo uba ndlongo ndlongo omnye kunciphe namandla okuzikhusela. Ukunxila kolutsha kubandakanya ukwabelana ngesondo ngaphandle kokuzikhusela, loo nto yandise ukukhulelwa nokosulelana ngezifo zesondo.

[Sicutshulwe *kwiBona* kaDisemba 2012, Iphepha 54-55 saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3****ISIBHENGEZO – NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 3.1 Xela isakhi mzimba esifumaneka kule ntengiso. (1)
- 3.2 Xa ufuna esi siselo undwendwela kwa: Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. (1)
- A Twitter.  
B Facebook.  
C Zus Body Tone.  
D Bona.
- 3.3 Bhala ngokupheleleyo amagama eeLogo ezikwisibhengezo. (2)
- 3.4 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.5 Kutheni ixabiso lesi siselo sibhalwe kancinci nakekeleyo nje? Phinda ubhale ixabiso ngobhalo lwesiXhosa. (2)
- 3.6 Ikhasi elinomkorekisho kumagama walo lichaza ntoni ngale jusi? (1)
- 3.7 Le jusi yimveliso yesiphi isiqhamo? (1)
- [10]**



UMBUZO 4

IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**THABI** NABAHLOBO. Ibhale nguTyeko.

1. Hm! Imnandi Le bhega.

2. Intoni? Akukoyiki ukutyeba.  
Hayi

3. Kuxa umzimba ugcwele ngamafutha. Loo nto ibangwa zezibhega kunye neziselo ezibandayo (ukutya okungenampilo)  
Oh! Bendingazi.

4. Kubi ukutya okungenamafutha.  
Amafutha sisifo. Yitya ukutya okusempilweni.

5. Kowul ndifunde nto namhlanje. Lephiramidi izakuba sisikhokelo.

**FOOD GROUPS AND SERVING RECOMMENDATIONS**

- Fats, oil, salt and sugar  
Use in small amounts
- Meat, eggs and milk  
2-3 servings
- Fruits and vegetables  
2 servings each
- Rice, bread and cereals  
5-7 servings

[Ithathwe kwi-Move magazini kaFebruwari 2016]

- 4.1 Ngubani umbhali wale khathuni? Khetha kwaba balandelayo.
- A Thabi
  - B Temba Siwela
  - C Tyeko
  - D Abahlobo
- (1)
- 4.2 Isikhuzo mh! sinika ntsingiselo ni kwindawo esibhalwe kuyo? (1)
- 4.3 Inkangeleko yobuso bomntu obeke izandla esinqeni ichaza ntoni? (2)
- 4.4 Igama 'ibhega' libolekwe koluphi ulwimi? (1)
- 4.5 Nika ikhasi ekuthathwe kulo le ngxelo yokutya. (1)
- 4.6 Chonga izinto ezimbini ezingumzekelo wokutya okungekho sempilweni. (2)
- 4.7 Ukusetyenziswa kwephiramidi yokutya kuhambelana njani nale khathuni? (2)
- [10]**

**UMBUZO 5****IPROZI**

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**INKUTHAZO**

1. Molweni bafundi ! Akwaba lo nyaka unganiphathela ulonwabo, uxolo nempumelelo. Ndiqaphela ukuba kunyaka ngamnye omtsha ndiye ndicinge ngomzimba wam. Ndiye ndazixelela ukuba ngunyaka omtsha kwaye kumele ndibe nomzimba ongcono, ngoko ke kufuneka ndisebenzele loo nto. Ukukhathalela umzimba akuyonto yenziwa kube kanye kodwa bubomi bonke. Zininzi izinto ekufuneka uthi hayi kuzo ebomini, ezi zinto zibandakanya iziyobisi nokwabelana ngesondo ungazikhuselanga.
2. Ndiyanikhuthaza nithi ewe kumathuba amatsha, imingeni kunye namava enza ubomi buqaqambe. Kufuneka woyise ukulindeleka kwesiqhelo kuwe, woyise ukoyika ukungaphumeleli, ufunde ukuba nethemba. Zama into entsha, uthathe wonke amathuba eza kuwe.

[Ithathwe kwiBona kaJanyuwari 2016, Iphepha 58 yaze yahlelwa]

- 5.1.1 Yakha isinye kwigama elikwizibiyeli. Molweni (bafundi.) (1)
- 5.1.2 Khetha isimelabizo kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele udidi lwaso.
- Ukukhathalela umzimba akuyonto yenziwa kube kanye kodwa bubomi bonke. (2)
- 5.1.3 Xela ukuba kutheni isibizo esibhalwe ngqindilili singenalo iceba.
- Akwaba lo **nyaka** unganiphathela ulonwabo nempumelelo. (2)
- 5.1.4 Khetha isihlomelo kwesi sivakalisi singezantsi unike nodidi lwaso.
- Ngunyaka omtsha kwaye kumele ndibe nomzimba ongcono. (2)
- 5.1.5 Sigaba sini sentetho u-**wam**. Khetha kwezi zilandelayo.
- A Isenzi.  
 B Isixando sesenzi.  
 C Isichazi.  
 D Isibizo. (1)

- 5.1.6 Guqula isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sibe kwisixando sokwenzisa wandule ukusisebenzisa kwisivakalisi.  
Ndiye ndazixelela ukuba ngunyaka omtsha. (2)
- 5.1.7 Lungisa iziphene zobhalo kwisivakalisi esingezantsi.  
Zama into entsha uthathe okhe amathuba azakuwe. (2)
- 5.1.8 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo ntetho.  
“Ndiyankhuthaza nithi ewe kumathuba amatsha” utsho umbhali. (2)

## 5.2 UMFANEKISO

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 5.2.1 Yakha isibizo esisingisele emntwini ngeli gama: **Impumelelo**. (1)
- 5.2.2 Lungisa esi sivakalisi sifundeke kakuhle.  
Titshalakazi zakho yeemfundiso ngenxa ndiphumelele. (2)
- 5.2.3 Senze msebenzi mni isimamva esibhalwe ngqindilili kweli gama:  
Ndiyabulela **titshalakazi**. (1)
- 5.2.4 Khetha isenzi kunye nexesha kwesi sivakalisi singezantsi.  
Ndiyabulela kakhulu titshalakazi. (2)

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**EWONKE AMANQAKU: 80**

